Isalathiso: 20170922-5208
12/2/2/3/25
Imibuzo: GH Foster

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0015/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukubhalwa koMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo wokuXabangela (*Supplementary* (*Common Assessment Task) (CAT)) kwisifundo soLwazi ngezoBomi (*Life Orientation*) kwiBakala 12 ngo-2017

1. UMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo (*Common Assessment Task (CAT)*) kwisifundo soLwazi ngezoBomi (*Life Orientation (LO)*) wawubhalwe nge-08 Septemba 2017 ngokweNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0011/2017.

2. Abafundi abangakhange bayibhale i-*CAT* ye-*LO* nge-08 Septemba ngenxa yezizathu eziphathekayo, baya kuvunyelwa ukuba babhale i-*CAT* ye-*LO* yokuxabangela (*supplementary CAT for LO)* ecwangciselwe owe-10 Oktobha 2017 ukususela ngo-**09:00 ukuya ku-11:00**.

3. Kule meko, "izizathu ezisemthethweni" zibandakanya oku kulandelayo:

   (a) **ukugula,** okuxhaswa sisatifikethi sokugula esisemthethweni, esikhutshwe ngugqirha obhalisiweyo (*registered medical practitioner);*
   (b) **izizathu eziphenjelelwa luvelwano lobuntu** ezibandakanya ukusweleka kwelungu losapho elisondeleyo kumfundi ezixhaswa yikopi yesatifikethi sokusweleka**;**
   (c) umfundi **oya kuvela enkundleni yamatyala,** yaye oko makuxhaswe bubungqina obubhaliweyo;
   (d) **nasiphi na esinye isizathu esinokwamkeleka njengesizathu esisemthethweni** yiNtloko yovavanyo okanye ngummeli wayo.

4. Amaxwebhu abubungqina aphathelele kuzo naziphi na izizathu ezisemthethweni kwezi zingentla makagcinwe efayilini esikolweni yaye makenziwe afumaneke kwaNdlunkulu okanye kwisithili xa eceliwe.

5. **IsiHlomelo A**, esiqhotyoshelwe kule Ngcaciso iMfutshane yoLawulo loVavanyo, masizaliswe yaye masithunyelwe nge-imeyili apha: Gail.Laguma@westerncape.gov.za ungadlulanga owe-**29 Septemba 2017**.

6. Ziyacelwa iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okuqhutywa kolu vavanyo yaye maziqinisekise ukuba isikolo siyayithobela yonke imiqathango nemigaqo emalunga neemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate (NSC)*).

7. Ii-ofisi zezithili ziya kuzinika izikolo isikhokelo sokumakishwa se-*CAT* ye-*LO* yokuxabangela. I-ofisi yesithili iya kuqinisekisa ukuba ukumakishwa kwephepha lokuxabangela, kumodareyithwa ngaphakathi esikolweni kwakunye nangaphandle yi-ofisi yesithili.

8. Abafundi abangayibhalanga i-*CAT* ye-*LO* okanye i-*CAT* ye-*LO* yokuxabangela ngo-2017 baya kufumana iziphumo ezingaphelelanga kwisifundo se-*Life Orientation*. Aba bafundi kuya kufuneka basiphinde isifundo, kuqukwa i-*SBA* ne-*CAT* ye-*LO*.

9. Kucelwa wazise ngale ngcaciso kubo bonke ootitshala nabafundi beSifundo *seLife Orientation* ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-09-27